Isalathiso: 20190205-1289
Inombolo yefayili: 3/3/2/3
Imibuzo: KwiZiko leeFoni

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi: 0002/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko nakuBalawuli

Isihloko: Ukuqaliswa kweeMvavanyo zeZakhono (*Competency-Based Assessments*) njengenxalenye yenkqubo yokugaya nokukhetha ootitshala abasezi-ofisini

1. Ngokungqinelana nombono weSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) wokunika imfundo esemgangathweni, i*WCED* iyaqhubeka ukuqwalasela kwakhona amathuba okomeleza nokuphucula iinkqubo zayo.

2. Emva kokuqaliswa ngempumelelo kweeMvavanyo zeZakhono (*Competency-Based Assessments*) (*CBAs*) njengenxalenye yokugaya nokukhetha iinqununu, amasekela nqununu kunye neentloko zezifundo kumaziko, kwiSebe leNkulumbuso, kwiCandelo leeNkqubo zeQumrhu (*Directorate: Organisational Behaviour*), ngokubambisene ne*WCED*, benze izixhobo ze*CBA* zazo zonke izithuba zootitshala abasezi-ofisini.

3. Ukomeleza inkqubo yokugaya, ukukhetha nokuqesha, iikomiti zodliwano-ndlebe ziyakhuthazwa zisebenzise esi sixhobo ukusuka nge-01 Januwari 2019.

4. Akukho zindleko ziya kuthi zenziwe.

5. Ukubhukisha kunokwenziwa ngeCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi.

6. Kucelwa wazise le ngcaciso bonke oosihlalo namalungu eephaneli zeekomiti zodliwano-ndlebe, ezinoxanduva lokugaya, ukukhetha nokuqesha ootitshala abasezi-ofisini.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZAMAZIKO
UMHLA: 2019-02-15